## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Ngowokubizwa kukaThamsanqa azokuncedisa kwivenkile kaLungile.√ (1)

1.1.2 Koku kokuthi uLungile ethetha ngomntu wokuncedisa kwishishini abe yena uNomakhwezi ekhweletela iintokazi acingela ukuba uLungile uthandana nazo.√√ (2)

1.1.3 Awayonyani, kuba uLungile akacetyiswa macaleni koko ukuza kukaThamsanqa ukubona kuyimfuneko ngenxa yokusilela komsebenzi wevenkile.√√ (2)

1.1.4 Kulungile kuba uNomakhwezi njengenkosikazi kaLungile kulindeleke ukuba umyeni wakhe aqale ayixoxe naye into phambi kokuba athathe isigqibo.√√

**okanye**

Akulunganga kuba uLungile njengantloko yekhaya ufanele ukuthatha izigqibo ezichaphazela ikhaya ngokwendlela abona ngayo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

1.1.5 Yeyokuxelela uNomakhwezi ukuba abantu bathetha kakubi ngomyeni wakhe ngenxa yokuhambela kwakhe kwaMashu.√√ (2)

1.1.6 Kudale ukuba uNomakhwezi amhlalise kabuhlungu uThamsanqa emtyhola nangokuba uphisa ngeempahla zevenkile elokishini.√√ (2)

1.1.7 Kwelokujiya kwezinto.√ (1)

1.1.8 Luzobo mayana√ kuba uvezwa ziintetho zakhe ukuba ungumlinganiswa ongqondo izinzileyo, ongamthandiyo umntu ongaqiqiyo nongazihluziyo izinto.√√ (3)

1.1.9 (a) Yeyangaphandle.√ (1)

(b) Ikhokelele ekubeni abakwaMakhwetshu babamonele abakwaNtsibande de babeziintshaba zabo.√√ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Sesokutyoboza imoto yomsebenzi kaLungile.√ (1)

1.2.2 Yeyokwenza izinto ngendlela ekrwada nengenambeko nantlonipho.√√ (2)

1.2.3 Eyokuba ekuthethwa naye akayeki ukuthetha kwaye akamameli.√√ (2)

1.2.4 Uphumelele kuba izenzo zikaNozililo zezenkohlakalo kuba:

(i) Utshabalalise uNomakhwezi.√
(ii) Wenze imigudu yokuthenga ootsotsi ukuba batshise ivenkile yakwaNtsibande wakugqiba wabakhanyela babanjwa bodwa.√
(iii) Wathengela uMpumelelo ootsotsi ukuba bambulale.√ (3)

1.2.5 Ukubathemba abantu esizalana nabo ukuba bangayithatha ngempumelelo indawo yabazali abangasekhoyo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

1.2.6 Imoto ababehamba ngayo yabhukuqa yatsha nabo basweleka.√√ (2)

1.2.7 (a) (iv) √/(iv) UNozililo√/uNozililo.√
(b) (iii) √/(iii) UMpumelelo√/uMpumelelo.√
(c) (i) √/(i) Utitshala uNgxowankulu√/utitshala uNgxowankulu.√ (3)

1.2.8 Iphela ngendlela elindelekileyo kuba iphela uNozililo efumana isohlwayo sokutsha nomzi, buqhubeke ubomi bukaMpumelelo ngaphandle kwemiqobo ade abe uyaphumelela.√√

**okanye**

Iphela ngendlela engalindelekanga kuba uNozililo obefanele ukuba ade aziqonde iziphoso zakhe, aye kucela uxolo kwaNtsibande, enziwe ambukele uMpumelelo ephumelela. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Ngowokuzokuphanda nantoni na engabubungqina kwityala lokufa kukaEddie noLulama.√ (1)

2.1.2 Yayinyengezwe ngamalungu ase*Moonglow Night Club* ngemini ayeze kuvelela uLinda emva kokusweleka kukaEddie.√√ (2)

2.1.3 Awayonyani, kuba uHlobo uphinde wathetha noDuma kwakamsinya emva kokuthetha la mazwi kanti useza kuphinda athethe naye ngalo lonke ixesha eqhuba uphando.√√ (2)

2.1.4 Akulunganga kuba uHlobo akanalo ilungelo lokugqogqa izinto zikaLinda eziyimfihlo ngaphandle kwephepha eligunyazisayo lasemthethweni lokugqogqa.√√

**okanye**

Kulungile kuba uHlobo ungumcuphi oyingcaphephe ufanele ukwenza ugqogqo ngendlela acinga ukuba iza kumncedisa ngayo eluphandweni lwakhe ngokwamava akhe.√√

ÉcoleBooks

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

2.1.5 Abulele uEddie Maga noLulama Zuma ze ityala alisulele kuLinda.√√ (2)

2.1.6 UHlobo uye wayeka ukumhlonipha uLinda njengenenekazi lodumo elingunobuhle laseMonti, wamthatha njengombulali.√√ (2)

2.1.7 Elokujiya kwezinto.√ (1)

2.1.8 Luzobo mayana√ kuba uvezwa ziintetho zakhe nezenzo zakhe zokude amlwele kuba uthembeke kakhulu kuLinda.√√ (3)

2.1.9 (a) Yeyangaphandle.√ (1)

(b) Ikhokelele ekufeni kukaEddie kwaza kwalandela ukubanjwa kukaLinda Monti nothe sele ebanjiwe kwavela obunye ubungqina.√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Lelokubulawa kukaEddie noLulama Zuma.√ (1)

2.2.2 Yeyokuba le nkundla yayinabantu abambalwa kakhulu ukuza kuphulaphula ityala.√√ (2)

2.2.3 Yeyokuba uLinda unesibindi sokunxiba ibhatyi akholelwa ukuba yenye yezinto ezibubungqina betyala.√√ (2)

2.2.4 Uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa onyolukele imali kuba:

(a) Uthatha izigqibo neqela lamadoda aseMoonglow lokubulala uEddie.√
(b) Nguye oza namaqhinga okungxenga utywala bokutshintshisela amampondo ngentsangu. √
(c) Unesibindi sokuya emapoliseni aye kugquka umkhondo wetyala.√
(d) Ulibhinqa elilodwa kwezi ndlela zimnyama zokwenza imali. √

(Nasiphi isithathu kwezi.) (3)

2.2.5 Ukuba kubalulekile ukuhlala unobungqina obunokunceda busombulule ingxaki enokuvela√√/ubungqina obugcine uphila bunganceda mhla ungasekho.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

2.2.6 Badutyulwa bekwimoto ababehamba ngayo.√√ (2)

2.2.7 (a) (iv) √/(iv) UThembisa Ntlokonkulu√/uThembisa Ntlokonkulu.√
(b) (iii) √/(iii) UHlobo√/uHlobo.√
(c) (i) √/(i) USajini Ngqondi√/USajini Ngqondi.√ (3)

2.2.8 Iphele ngendlela elindelekileyo kuba bavelile abona babulali bakaEddie Maga noLulama Zuma.√√

**okanye**

Iphele ngendlela engalindelekanga kuba akuvakali ukuba uLinda uxoliswe njani ngokuvalelwa ejele ngetyala angalenzanga.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Kukunxila kweentombi zakhe.√ (1)

3.1.2 Kukuba oku kunxila kweentombi zakhe uMamTolo ukufumanise ngexesha engekho uRhadebe ephesheya kolwandle ngoko ke yamothusa le nto wayengekakulungeli ukuxelela umyeni wakhe√√/Wayeneentloni zokuhlazeka ebantwini bokuhlala. √√ (2)

3.1.3 Ayinyani kuba izimo zabantwana bakhe zazisele zonakele engenakubasakwazi ukubaqeqesha.√√ (2)

3.1.4 Kulungile kuba uMamTolo uye akabaqeqesha ngendlela eyakhayo abantwana bakhe wabafekethisa.√√

**okanye**

Akulunganga kuba uMamTolo wayebafekethisela eluthandweni abantwna bakhe engazange abafundise kusela utywala nandlela imbi yakuziphatha.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

ECOLEBOOKS

3.1.5 Yeyokuba uthe akubhujelwa ngunyana wakhe wanengqumbo eye yasitshintsha isimo sakhe wabaphatha kakubi abasebenzi baphela bemtshabalalisa ngokumbela kumashishini akhe, abe njalo ayehla.√√ (2)

3.1.6 Uye wathembela kuMonwabisi wamthanda emthatha njengomnye wabantwana bakhe.√√ (2)

3.1.7 Elokujiya kwezinto.√ (1)

3.1.8 Luzobo mayana√ kuba uvezwa ziingcinga zakhe ukuba ungumlinganiswa okwaziyo ukuziqonda iimpazamo zakhe.√√ (3)

3.1.9 (a) Yeyangaphakathi.√ (1)

(b) Ikhokelele ekubeni aguquke kwisimo sakhe ambone ngenye indlela uMonwabisi, abubone nobugwenxa babantwana bakhe.√√ (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA F

3.2 3.2.1 Yimbono yokuphuculwa kwamashishini kwaye kuqeshiswe ngawo.√ (1)

3.2.2 Eyokucingisisa/Eyokuhlalutya umba othile abasandula ukuwuva√√ /eyokuyihla amahlongwane le nto basandula kuyiwa. √√ (2)

3.2.3 Yeyokuba uMonwabisi ukhulile ngokwezenzo neengcinga√√/uyakwazi ukuqiqa.√√ (2)

3.2.4 Uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa obathandayo abantu kuba:

(a) Ubesamkela wonke umntu ofikayo endlwini yakhe.√
(b) Wamkele waze wakhulisa uMonwabisi akuswelekelwa ngumama. √
(c) Ubebathanda abasebenzi bakhe wade waphoxwa ngabo.√ (3)

3.2.5 Ukuba ekunyamezeleni kukho umvuzo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

3.2.6 Ngokuthi ibhasi yesikolo awayekhwele kuyo intlitheke ezindongeni wacinezeleka waba uyabhubha.√√ (2)

3.2.7 (a) (i) √/(i) UMamTolo√/uMamTolo.√
(b) (iii) √/(iii) UThandabantu√/uThandabantu.√
(c) (iv) √/(iv) USamkelo Zangone√/uSamkelo Zangone.√ (3)

3.2.8 Iphela ngendlela elindelekileyo kuba uMonwabisi onesimilo esihle noqeqeshelwe ukujonga amashishini uye wafumana ithuba lokuwenza ngempumelelo loo msebenzi njengomvuzo wakhe√√/ iphele ngendlela elindelekileyo kuba amashishini kaThandabantu ebesezandleni ezizizo nosapho lwakhe lwabuya lwandawonye wonke umntu wonwaba.√√

**okanye**

Iphela ngendlela engalindelekanga kuba asibabonanga abantwana bakaThandabantu bethatha ulawulo lwamashishini kuMonwabisi njengoko ingabo abanelifa kwizinto zikaThandabantu.√√/ asibabonanga abantwana bakaThandabantu begukuqa kwiindlela zabo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ICANDELO B: IDRAMA**

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

**ISICATSHULWA G**

4.1 4.1.1 Zizimvo zakhe malunga nesityholo abekwa sona nguLoni.√ (1)

4.1.2 Ukuba uNdila uphantsi kweempembelelo zotywala nangalaa mzuzu.√√ (2)

4.1.3 Awayonyani kuba bukhona ubungqina bokuba uNdila ebesela ngexesha lesikolo.√√ (2)

4.1.4 Akulunganga kuba uMadala njengankokeli kulindeleke ukuba abambelele kwimigaqo kwaye aqinisekise ukuba wenza okulungileyo ukukhusela abantwana nokuba oko kuchaphazela bani.√√

**okanye**

Kulungile kuba uMadala uyamazi uNdila nekhaya aphuma kulo ngoko ke unethemba lokuba xa enokunikwa ithuba lesibini, anqwanqwadwe angaguquka, angasele eyekwa atshabalale.√√

EcoleBooks

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

4.1.5 Uxelele uLoni ngesenzo sikaNdila sokusela utywala esikolweni nokuthuma kwakhe abantwana besikolo utywala.√√ (2)

4.1.6 Ukugxothwa kukaNdila esikolweni kumenze uNdila ambone njengotshaba uLoni.√√ (2)

4.1.7 Elokuyondelelana kwebali.√ (1)

4.1.8 Luzobo mayana√ kuba umbonisa ngeentetha zakhe ukuba akananyani. √√ (3)

4.1.9 (a) Yeyangaphandle. √ (1)

(b) Ikhokelele ekubeni uNdila enze iyelenqe lokuziphindezela kuLoni.√√ (2)

**KUNYE**

4.2 4.2.1 Kukunxila √/Ukubashushu√. (1)

4.2.2 Yeyokuba akukho mntu ungawaziyo lo mkhwa wokunxila kukaLoni.√√ (2)

4.2.3 Yeyokuba amalungu ekomiti mawakhumbule ukuba uLoni ebeqale ngokusebenza kakuhle njengenqununu yesikolo kodwa ngokuhamba kwexesha waya ewuthoba umgangatho kude kufikelele kule meko akuyo ngoku yokoyisakala.√√ (2)

4.2.4 Uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa oxabise imali ebantwini kuba:

(a) Indlu yakhe izele yifenitshala ayithenge ngemali kaNdila olikrexe lakhe.√
(b) Ikwanguye okhuthaza uZanele amaqhinga okuxhwitha imali kaMawonga azuzayo naye kuyo.√
(c) Nguye onyanzelise ukuba uZanele makamale uMawonga akuphelelwa yimali kuba ude athi yena ufuna intaka ebekayo.√ (3)

4.2.5 Ukuba umntu uyakwazi ukukucebisa ngeenjongo zokukweyelisela.√√/akulunganga ukwamkela icebiso lomntu ongalunganga.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

4.2.6 ULoni wasweleka ngokuzityisa ityhefu.√√ (2)

4.2.7 (a) (iv) √/(iv) UMaziko√/UMaziko.√
(b) (iii) √/(iii) ULoni√/ULoni. √
(c) (i) √/(i) USajini Njobe√/USajini Njobe.√ (3)

4.2.8 Iphele ngendlela elindelekileyo kuba uNdila nooFuneka bafumana isohlwayo ngokukhokelela ekubeni uMawonga azibulale.√√

**okanye**

Iphele ngendlela engalindelekanga kuba besingakulindelanga ukuba uMawonga azibulale bengekaluceli uxolo kuye ooNdila.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Kukutshintsha kwesimo sikaDina abe ngumntwana ongalawulekiyo.√ (1)

5.1.2 Kukuba ufumanise ukuba uDina ukhe angalali khaya iintsuku zilandelelane engaziwa apho alala khona.√√ (2)

5.1.3 Ayinyani kuba sele enento ehlala kwaThambolenyoka.√√ (2)

5.1.4 Akulunganga kuba uDina ubengumntwana ohlala endlwini omamelayo koko nje uhendwe nguNoyongo.√√

**okanye**

Kulungile kuba ukuba ebemqeqeshe ngokukuko ngekungakhange kubelula ukuhendeka kwakhe.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

5.1.5 Yeyokurhwebesha uDina ngokumpha iselula ngenjongo yokumsondeza kuThambolenyoka. √√ (2)

ÉcoleBooks

5.1.6 Uthe wakhulelwa umntwana kaThambolenyoka wagxothwa nguThambolenyoka, babe buyaphela ubudlelwane babo.√√ (2)

5.1.7 Lelengabula-zigcawu.√ (1)

5.1.8 Luzobo mayana√ kuba siva kwiintetha neengcinga zakhe ukuba ungumlinganiswa onenkathalo.√√ (3)

5.1.9 (a) Yeyangaphandle.√ (1)

(b) Ikhokelele ekubeni uDina enze indlela yokuba abanjwe uThambolenyoka.√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Kukuva ukuba uThambolenyoka nguye obulala abasebenzi bakhe.√ (1)

5.2.2 Ubhidisa abantu ukuba bangamqondi ukuba nguye owenze isenzo.√√ (2)

5.2.3 Yokubhideka angabi sayazi neyona nyani.√√ (2)

5.2.4 Uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa oyingozi kubantu ababhinqileyo kuba:

(a) Wahlukanisa abantu ababhinqileyo namakhaya abo ngeenjongo zokushishina ngabo.√
(b) Usebenzisa abantu ababhinqileyo ukushishina ngeziyobisi ezingumbulalazwe de abatyise zona.√
(c) Uxhaphaza abantwana abangamantombazana ababhinqileyo ngokwesondo.√ (3)

5.2.5 Ukuba asingabo bonke abantu abathi bakuthembisa ngobuqheleqhele babe kanti banyanisekile√√/sesokuba asingabo bonke abantu ababhinqileyo abaneempawu zobuzali nabanokuthenjwa.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

ÉcoleBooks

5.2.6 Ngokuhlatywa ngencula.√√ (2)

5.2.7 (a) (iv) √/(iv)UDina √/UDina.√
(b) (iii) √/(iii) UThambolenyoka√/UThambolenyoka.√
(c) (i) √/(i) USajini Gxalaba√/USajini Gxalaba.√ (3)

5.2.8 Iphela ngendlela elindelekileyo kuba uThambolenyoka ufumene isohlwayo esimfaneleyo kwizenzo zakhe ezikhohlakeleyo.√√

**okanye**

Iphela ngendlela engalindelekanga kuba asiva nto ithethwayo ngooDina nooNoyongo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

**UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa**

6.1 **ISICATSHULWA K: 'KANTI ANDIZENZANGA' – LL Ngewu**

6.1.1 Yeyokugxothwa kukaMntuyedwa ngamadoda aseSikhobeni.√ (1)

6.1.2 Ngokuthi akhuphe iBhayibhile amfundele isicatshulwa esichaseneyo nomba wesini esitenxileyo.√√ (2)

6.1.3 Ayinyani kuba ukugxothwa kwakhe kwilali azalelwe wakhulela kuyo asinto ilula.√√ (2)

6.1.4 Sasingalunganga kuba uMntuyedwa wayenelungelo lokuzibandakanya nabantu afuna ukuzibandakanya nabo engamelanga kunyanzelwa ngawo ukuba ahlale nawo xa engafuni.√√

**okanye**

Sasilungile kuba amakhwenkwe aseSikhobeni ayelindele ukuba uMntuyedwa achithe ixesha nawo ukuze bafundisane iindlela zokuphila zamakhwenkwe.√√

EcoleBooks

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

6.1.5 Yeyokuba agqibe kwelokuba uMntuyedwa agxothwe eSikhobeni.√√ (2)

6.1.6 Kubangele ukuba uMntuyedwa emke kowabo angamkeleki ndawo ahambe ehlala esithubeni.√√ (2)

6.1.7 Kuvuthondaba.√ (1)

6.1.8 Luzobo mayana√ kuba siva kwiintetha neengcinga zakhe ukuba ungumama onenimba ngomntwana wakhe nofuna ukwenziwa kobulungisa.√√ (3)

6.1.9 (a) Yeyangaphandle.√ (1)

(b) Ikhokelele ekubeni angcungcutheke uMntuyedwa ade abe uya gxothwa elalini.√√ (2)

**KUNYE**

6.2 **ISICATSHULWA L: 'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu**

6.2.1 Lelokudlwengulwa kukaNonkanyezi. √ (1)

6.2.2 Akayi kusinda nakancinci√√/nangethamsanqa.√√/nangebhaqo.√√ (2)

6.2.3 Yokugxininisa ubuqatha besigwebo esifanele uZolani kuba kudala edlwengula/yokuba xa umantyi egweba uZolani ayithathele ingqalelo into yokuba kudala exhaphaza amantombazana.√√ (2)

6.2.4 Uphumelele ukumzoba njengomlinganiswa osisidlwengu esingazimiselanga kuguquka kuba:

(a) Uyazixela ukuba yena uneyeza likaNomyayi ancedwa lilo ukuze asinde ekubanjweni.√
(b) Uya kuphindaphinda ukudlwengula, akadlwengulanga tyeli linye. √
(c) Udlisela ngegqwetha lokumthethelela alithembileyo ngokuchitha ubungqina. (3)

6.2.5 Ukuba wonke umntu unoxanduva lokuthatha inyathelo lokuncedisana nomthetho ukuze kwenzeke ubulungisa√√/umntu makangathuli exhatshazwa, makabenomqolo amele ukuba kwenzeke ubulungisa.√√

ÉcoleBooks

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

6.2.6 Wakhala akugqiba wamkrwempa kanobom ebusweni.√√ (2)

6.2.7 (a) (iv) √/(iv) UNompoxeko√/uNompoxeko.√
(b) (iii) √/(iii) UZolani√/UZolani.√
(c) (i) √/(i) Umtshutshisi√/Umtshutshisi.√ (3)

6.2.8 Liphela ngendlela elindelekileyo kuba uyaphumelela ekugqibeleni uNompoxeko ngokubanjwa kukaZolani/kuba uZolani ongumenzi wobubi ufumana isohlwayo sokuvalelwa abhadle ejele.

**okanye**

Liphela ngendlela engalindelekanga kuba inkundla isitshintshile isigqibo sayo sokuqala sokutyhola uNompoxeko, ngokuthi imfumane enetyala uZolani ebikade imbona engenalo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


**ICANDELO D: ISIHOBE**

**UMBUZO : *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

7.1 **'INGCWABA' – S Maputi**

7.1.1 Eyokunganeli√√/eyokusoloko ufuna ngaphezulu koko ukufumeneyo.√√ (2)

7.1.2 Ukuba ingcwaba limthatha umntu ngendlela engacengiyo nengalindelekanga√√/ngaphandle kwemvume.√√ (2)

7.1.3 (a) Sisimntwiso.√ (1)

(b) Eyokonwabela nokuba nobudlelwane nesenzo sokufa.√√ (2)

7.1.4 Kubembi bengcwaba.√ (1)

7.1.5 Ingcwaba alaneli, aliyikhuphi nto esele ingaphakathi√√/into engene kulo ayiphumi.√√ (2)

7.1.6 Mihla yonke abantu bayasweleka, iveki neveki kuyangcwatywa.√√ (2)

7.1.7 Umqolo we-10 uveza ubukhulu bengcwaba kuba liselitsha kanti umqolo we-12 ubonisa ukuhla kwengcwaba ngethuba elingephi.√√ (2)

EcoleBooks

7.1.8 Kumbongo wonke imbongi ibhekisa kwingcwaba kanti kwikhapulethi kubhekiswa kulo mntu uswelekileyo.√√ (2)

7.1.9 Owonxunguphalo√ kuba imbongi isebenzise amagama afana noo-'ukufa', 'umhluthe', 'uncume kuba uhlobene nokufa', 'ukhintsele', 'umumatha', 'uthungatha'.√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

**KUNYE**

7.2 **'MFAZINDINI WASE-AFRIKA' – KN Manciya**

7.2.1 umhlola.√ (1)

7.2.2 Yimfanozandi.√ (1)

7.2.3 Sisilo√/Urheme√ (2)

7.2.4 Yeyokuthabatheka yinto oyenzayo ude ungayisi so nento ekungqongileyo.√√ (2)

7.2.5 Ngoweliso√, ukusebenza nzima komfazi waseAfrika.√√ (3)

7.2.6 Eyokuba isizwe semidakasholo siyabacinezela abantu abangabafazi.√√ (2)

7.2.7 Kukupheka√/Kukususa ukhula.√/ukuhlakula.√

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

7.2.8 Umhlathi ngamnye unemiqolo esibhozo.√ (1)

7.2.9 Ngumbongo-nkcazo√/ngumbongo ochazayo√kuba uyachaza, uchaza umfazi wase-Afrika, imisebenzi ayenzayo neemeko asebenza phantsi kwazo.√√ (3)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM